Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**SEPTEMBA 2024**

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-23.

Hosted by www.ecexams.co.za.

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicoth ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincok zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okany ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: ISIHOBE

**IMIHOBE YESIXHOSA – B. NGOMBANE**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**AMANQAKU – ZS QANGULE**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-22 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Lo mbongo uveza amanqanaba athi lowo usendleleni yobomi adlule kuwo. Bomi obo bumacala mabini, elibi nelihle. Ibubulumko ke ukugqibela ngelihle. Izafobe ezisetyenziswe kule Sonethi luchasaniso, nesikweko zigxininiswe izimvo ngokusetyenziswa kophindaphinda – UXWESISO.

- **Umqolo 1** – uchasaniso sisafobe esisetyenziselwe ukutyhila intsingiselo echaseneyo, ekukwazi nokungazi. Oku kuphuhlisa ukuba ungumntu akunalwazi lwezinto zonke apha ebomini. Olo unalo unalo ngalonto lungangakusebenzeli kwenye into.
- **Umqolo 2** – uchasaniso olugxininisa uluvo lokuba ubudenge sisiseko sokwazi, sowunolwazi nje uqale ngokungabi nalo, kungoko wakuziqonda ukuba akwazi utsho ufune ukwazi. Isikweko –"Yitrone" siphuhlisa ukubaluleka kobudenge kuba kulapho uthi ufumane ulwazi.
- **Umqolo 3** – Uchasaniso 'Inyembezi > Inkathalo. Luphuhlisa isizathu sokuphuma kweenyembezi kubonakalisa inkathalo, zikwantama uvuyo okanye intlungu kulowo ulilayo. Ukukhupha inyembezi kukulungiselela ukubona imeko ingakuphindi kwakho utsho ulungise. Isikweko –"Umthombo " ukuphuma kweenyembezi zinika uphawu oluhlala lungumqondiso wokuthile.
- **Umqolo 4** – Ukukhathazeka ngenxa yenkathalo engenambuyekezo kwenza uphelelwe kukukhathala. Ekulileni kwakho kuphuma intlungu obunayo isuke iphele.
- **Umqolo 9 –10** Njengokuba imilambo iphelela elwandle, oku kunika intsingiselo ethi iinkolo esinazo zinako ezingqinelana ngako okuluKHOLO nangona ngakwahlukana kwazo kuthi kudaleke ukunyembana, intiyo, ukutshutshisana. IINKOLO >UNGCIKIVO.
- **Umqolo 11– 12**. Ekudleni kwethu ubomi kukwakho nokufa. Ikwanika intsingiselo yokuba siphila nje ekugqibeleni sizakufa kodwa ngaphaya kokufa kukho ubomi obungunaphakade. Isikweko. "yileli" Inika intsingiselo ethi sesi sixhobo sikukufa esiyakuthi sisise kubomi obungunaphakade.

**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**MHELA MFONDINI – GV MONA**

2.1 Uxwesiso ✓/ uphindaphindo lwamagama ✓ sisetyenziselwe ukudala isingqisho ✓/ luyagxininisa ✓ (2)

2.2 Kukubetha umntu engalindelanga ✓/ kukuqubula. ✓ (1)

2.3 C ✓/ C. Ukuwa phantsi usoyisakala ✓ (1)

2.4 Ngumfanekiso wolwimi olude oluphumele ngaphandle ✓✓/lulude ngaphandle ngenxa yokudinwa ✓✓ (2)

2.5 Isitanza soku-1 sityhila ukubaluleka kokulindwa komntu ukuba ayekuthatha ezakhe iintonga. ✓
Istanza sesi-2 sityhila ukuba naxa umntu enokuwa phantsi kubalulekile ukuba makalindwe. ✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

2.6 Kukunika ulwazi malunga nendlela ekwakudlalwa ngayo mandulo/ Kukukhumbuza ngesithethe sokudlala iintonga. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**INGQINA EZINGELA IMIPHEFUMLO – JJR JOLOBE**

3.1 Yimfanozandi ✓, sisetyenziselwe ukudala isingqisho. ✓/ siyagxininisa ✓ (2)

3.2 Ngumfanekiso wendawo enyukayo ekunzima ukuba abantu baqabele kuyo. ✓/ weqhina elinyukayo. (1)

3.3 D. ✓/ D. Umntu obizela abanye abantu enkonzweni ✓ (1)

3.4 Uyabomeleza ngokuthi bubunzima obafunyanwa nguYesu ✓/ yiNkosi ✓. (2)

3.5 Isitanza soku-1 sityhila ukuba ubunzima obaviwa yiNkosi kufuneka nabo babuve. ✓
Istanza sesi-3 sityhila ukuba nokubangaba likhona ixhala lokuba izinto zizakuba nzima akuzukuba lula kodwa ngenxa yokuba iNkosi yakhanyiselwa ngoko ke naye liza kumkhanyisela. ✓ (2)

3.6 Kukukhuthaza nokubongoza abantu ukuba bangabi naxhala kwaye bangathandabuzi endleleni koko balandele iNkosi. ✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)
**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

## ISIQITHI SEENTINI- T.N. MAKABANYE

4.1 Luphindaphindo lwamagama ✓, / lusetyenziselwe ukugxininisa ✓/ ludala isingqisho ✓ (2)

4.2 Ngumfanekiso wokuba wonke umntu uyasazi isiqithi ✓/ saziwa nangabantu abangabandakanyeki kuso ✓/ kukuba ngundabamlonyeni kwesiqithi. ✓ (1)

4.3 B. ✓/ B. Sisiqithi esikruqulayo ✓ (1)

4.4 Kubhekiswa kubantu abaMhlophe ✓/abelungu ngenjongo yokuphoxisa ✓ (2)

4.5 Istanza 1–kuthethwa ngesiqithi esaziwa ngumntu wonke esidikayo ngakumbi kubantu abantsundu. ✓
Istanza 3–Sichaza abantu ekwakusithiwa balungele ukuba kuso ukuze sibakhoboze abanye de balahlekelwe ziingqondo. ✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

4.6 Kukunika umfanekiso nolwazi ngezinto zembali ezazisenzeka kwisiqithi iRobben Island. ✓✓ (2)
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) **[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**TYWALA UNGUMLAHLEKISI – MV MABUSELA**

5.1 Mbopheleli woluntu, khula lengqondo ✓ (1)

5.2 Ngumfanekiso ngqondweni weliso ✓, unika umfanekiso ntelekelelo wento ebolileyo nenukayo ehanjwa ziimpethu. ✓ (2)

5.3 Istanza soku-1 sinemiqolo eli-11 nesitanza sesi-2 sinemiqolo emi-11 ✓ / Imiqolo ili-11 kuzo zozibini izitanza. ✓ (1)

5.4 Kugcwele abophuli-mthetho abantwana bashiyeke bengenabazali beziinkedama, abantu abavani ngenxa yotywala. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

5.5 Imbongi ayonwabanga/ inxunguphele/ idandathekile/ ikhedamile ✓ kuba ibona ukutshabalala kwesizwe kuba utywala buthandwa ngabantu abaninzi nangona bubatshabalalisa ✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

5.6 Ndifunde ubungozi bokusela utywala ukuba butshabalalisa Ikamva labantu lubenze bangaphumeleli ebomini. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### INOVELI

### INKAWU IDLIW'ILILA – S KULA

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama -28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.
Le noveli isibonisa uMapheza njengoyena mlinganiswa unamandla okuma angajiki nokuba imeko ithini. Izabatha ezivala indlela yakhe azithethi nto koko nje ubambelela kwintambo yokuphumela ngaphaya. Ehleli ngesiqinisekiso sokufamana nokuphumelela kumnqweno wakhe, wokubatyhila abenzi bobubi umthetho udlale indima yawo.

- UMapheza uqala umsebenzi wakhe wophando, uyalelwa yintsumpa ngokusenza notshaba lwakhe angaliqondanga uNqoza.
- Uqala uphando kuThantaswa akubangathi uza nomkhondo uvalelwa nguNqoza ngokuyalelwa nguMfuneko.
- Akapheli mandla udlulela kuloMsindisi kuMonde, nalapho akuzama ukufamana umkhondo, umqobo onguNqoza ugalela amanzi ukuba angabinathemba lakufumana mkhondo.
- Usathana kuba engalali, nabo bemdibanela ngexhwele elinguSiphongo netyhefu yalo eyagalelwa eglasini yesiselo. Ugule ngeyona ndlela sisisu segazi kodwa wakoyisa ukufa.
- Esachacha apho uNqoza ngokuyalelwa nguMfuneko waya kumba esibhedlele emsa kwakweli xhwele limcime igama ngovutha.
- Wasinda nalapho ngezikaSibi esindiswa nguNontsikelelo.
- Ekuphakameni kwakhe emva koko wathezela emnxebeni ngophando, apho wade wafumana umkhondo kwaMbuzeli esimokolweni.
- Nangona usapho lwakhe lusemngciphekweni wokufikelwa ngooMfuneko begqogqa konke, ayathetha nto naleyo.
- Banqunyanyiswa emsebenzini uMfuneko noNqoza.
- Babanjwa abenzi bobubi, OoSixaki, Thobela noo-Athini ngokuyalelwa nguThantaswa nesandla sakhe uMfuneko, negqwetha elinobuqhophololo uMdlambila.
- Ngokuzibona ukuba bazakuvalelwa uThantaswa noMfuneko, Thantaswa lowo wakhetha ukudubula uMfuneko naye wazidubula basweleka.
- Ngenene ligorha eli linguMfezeko lema kwenzeka.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

## IKAWU IDLIW'ILILA – S KULA

7.1 UThantaswa ugxothelwa ukuba engakhange alale endlwini. ✓ ✓/ Akabuyanga ubusuku bonke ekunye noMfuneko ehotele. ✓ ✓ (Nayiphi enye kwezi) (2)

7.2 Ukuhamba esithubeni ufuna into ongayaziyo. ✓✓/ Ukungabi namida urhibela konke okuphandl'apha. ✓✓/ Ukungabinathuba unyuka usehla ungazazi ukuba ufuna ntoni. ✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.3 UThantaswa ukhethiswe phakathi komtshato owazifaka kuwo kunye nokutshuntuza esithubeni okwethokazi lehagu elihamba livatshula. ✓ (1)

7.4 UNonkanyiso uwutshabalalisile kuba uneengcebiso ezingakhiyo emntwaneni wakhe. ✓✓/ Unegalelo lokuwubulala kuba unamacebo okuba uThantaswa angahlali emzini wakhe. ✓✓/Unegalelo ekuwupheliseni kuba iingcebiso zakhe azilunganga zibonisa intombi yakhe ubomi obunobutyebi ngaphandle komyeni wakhe. ✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.5 Kukuxelelwa ngugqirha Chirandra ukuba abasayi kuphinda bafumane bantwana. ✓✓ (2)

7.6 Ndiyangqina lolwangaphandle kuba kuxambulisana uThantaswa noMsindisi ababoni ngasonye. ✓✓/ Kukhona ukungavani phakathi kwababini, uThantaswa nomyeni wakhe. ✓✓ (2)

7.7 UThantaswa uneenjongo zokufumana imali okanye ilifa likaMsindisi. ✓✓/ Zezokuba afumane ilifa likaMsindisi/ akamthandi uMsindisi ufuna imali yakhe kuphela. ✓✓ [Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

7.8 Ulapha kuba ugalelelwe ityhefu kwisiselo sakhe wagula emva komngcwabo kaTyhalithemba. ✓✓ (2)

7.9 Ndiyangqina kuba uzenza ngathi uyavelana noMapheza kodwa nguye ombangele ukuba alale esibhedlele/ ukwiyelenqe lokubulala uMapheza. ✓✓ (2)

7.10 Isibaxo ✓ / ugqithiso ✓/ ubabazo ✓,sicacisa ukuba wayeswamile/edanile luvelwano angalulindelanga ✓ (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

7.11 UMapheza uphanda ityala lokubulawa kukaMsindisi, usezithendeni zika Mfuneko noNqoza ngoku bafuna ukumgqithisa amafu. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.12 Yinkolo yesiNtu. UNqoza uthetha ngokusa uMapheza exhweleni, ukuzicima nokugabha ukuze umntu aphile. ✓✓ (2)

7.13 Sesokusiwa kukaMapheza kwaSiphongo ngeenjongo zokuba atshiselwe emkhukhwini kanti kuzakutsha unyana kaSiphongo, ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama -28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Le noveli isibonisa uThole njengoyena mlinganiswa unamandla okuma angajiki nokuba imeko ithini. Izabatha ezivala indlela yakhe azithethi nto koko nje ubambelela kwintambo yokuphumela ngaphaya. Ehleli ngesiqinisekiso sokufamana nokuphumelela kumnqweno wakhe. Ungqina amazwi akhe athi, ”Ungandivuyeleli lutshaba lwam ndakuwa ndize ndivuke” Lo ujongene nempixano edalwa yindalo kunye nabahlobo bakhe kodwa nalapho waphumelela.

- Ukusuka kukaThole eGcuwa ukuya eBhayi engaqondanga ngokulukuhlwa ngabahlobo bakhe.
- Intlalo eBhayi ayimyolelanga, waphantse wafa ngoonqevu baseBhayi, uJoe neqela lakhe ngesizathu sokuba bafike ehleli noNomsa othandana noJoe.
- Wathi akusinda apho wenza isibhambathiso sakhe noMdali wakhe sokumdumisa nokubulela ngobomi bakhe.

- Ukulahlekela eKnysna ngeligodukayo, apho wasinda emlonyeni wengonyama kwaqwengwa abahlobo bakhe uThemba noSonwabo.
- Wazizamela indlela yokuphila apho wazenza igqirha.
- Wagqiba kwelokuba abuyele kokwabo, apho wathatha isigqibo sokubuyela esikolweni.
- Waqaqamba kwizifundo zakhe eDikeni, waya kufunda eNgilane nalapho waphumelela emagqbini izifundo zakhe zeMatriki.
- Akaphelela apho wagqwesa ngemfundo yakhe apho wafumana isidanga sobugqirha eOxford University kwezakwaLizwi.
- Akubuyela ekhaya njengomfundisi ophume izandla, kwavela umqobo webandla laseGeorge Goch elalingafunwa mntu ngenxa yemeko yalapho yokuzinikezela kwabantu bakhona kwisiselo esinxilisayo. Wazijula ijacu uMangaliso waguqula abantu baseGeorge Goch.
- Wakhululwa nalapho wafumana khona noyise owamlahleka kudala, wabuyela eGcuwa kokwabo. Apho wayengumfundisi ophume izandla nongundabamlonyeni, ontshumayelo iguqula nephilisa abantu abaninzi. Wahlala apho nosapho lwakhe kokwabo.

  Ngenene ligorha eli lema kenzeka.

(Nayiphi impendulo echanekileyo)

**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

9.1 Kufikwe ehleli noNomsa nguJoe (neqela lakhe) osisithandwa sakhe. ✓✓ (2)

9.2 Intlungu yembopheleleko awayekuyo. ✓✓/ Ukubotshwa kwakhe engakwazi nokuthini, ephantsi kokuxhatshazwa nokuthenjiswa ngokubulawa. ✓✓ (2)

9.3 Wakhetha ukudumisa igama leNkosi yakhe, kuba waba ngumfundisi ophume izandla eguqula abantu. ✓✓/ Wenza njengoko wayethembisile kuba wafundela ubufundisi wangundabamlonyeni ngenxa yemisebenzi yakhe emihle yokuguqula abantu. ✓✓ (2)

9.4 Libi, lamlahlekisa uThole ebomini bakhe, bamthatha bamsa eBhayi engazazi nokuba uyaphi, bamseza utywala, bamkhwelisa imoto ecinga ukuba iyamgodusa kanti iyakumlahla kwihlathi laseKnysna. ✓✓ (2)

9.5 Sesokuhlaselwa, ebethwa, ebotshwa, ethenjiswa nangokubulawa nguJoe neqela lakhe. ✓✓ (2)

9.6 Sifumana uThole ejikajikana nengcinga yemeko akuyo. ✓✓/ Sifumana uThole enegcinga, yena nesiqu sakhe de kungehli nobuthongo malunga nokumehleleyo. ✓✓ (2)

9.7 Kukuba ngumfundisi, adumise igama leNkosi, aguqule abantu nokubulela ngobomi bakhe. ✓✓ (2)

9.8 Kufuneka umfundisi oya kukhokela ibandla laseGeorge Goch, indawo eyaziwa ngabantu abakude nofefe lukaThixo koko baxabise utywala.✓✓ Kunembali ethi othe waya akabuyi endaweni yoko uyalukuhleka ngakumbi abefundisi absebatsha. ✓✓
(Nayiphi enye kwezi) (2)

9.9 Ukulingeka kwabefundisi, balukuhlwe ziziyolo zobomi. (2)

9.10 Akazange eyele koko wenza umsebenzi omkhulu wavusa ibandla, wayakha iSPES BONA. ✓✓ wabaguqula abantu beza ngobuninzi. ✓✓Wangumfundisi ongundabamlonyeni ngenxa yeentshumayelo zakhe eziphilisayo. ✓✓ (2)

9.11 Kukusela isiselo esinxilisayo. ✓ (1)

9.12 Wema akajika, wabacenga ukuba bathumele yena eGeorge Goch. ✓✓ (2)

9.13 Inkolo yobuKristu kuba kuthethwa ngeSinodi yabefundisi baseWesile. ✓✓/ Kuxoxwa ngebandla lamaWesile. ✓✓ (2)

**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Le noveli isibonisa uMfazwe njengoyena mlinganiswa unamandla okuma angajiki nokuba imeko ithini. Izabatha ezivala indlela yakhe azithethi nto koko nje ubambelela kwintambo yokuphumela ngaphaya. Ehleli ngesiqinisekiso nethemba lokuba uzakukwenza aphumelele kumnqweno wakhe wokuzenza idini alwele ilungelo lomntu omnyama, akhululeke kwingcinezelo. Izabatha endleleni unenzame zokudlula ngaphaya kwazo aqonde apho ajonge khona.

- Umela ubugorha kwasemva kokwabo (kwaQaka) ngempembelelo anayo yokufundisa ulutsha ngamalungelo.
- Uyabanjwa afakwe kwiveni yamapolisa ngokungekho similweni nenja, agungxiswe umrhangqolo wengxowa enuka umchamo ajike enziwe intlekisa.
- Ejele apho kulapho watshutshiswa khona, engcungcuthekiswa ngabasemagunyeni esisisulu sokuxhatshazwa, kulapho wabhubha khona uKK ebona kodwa wema wanyamezela kuba ewazi umnqweno wokulwela ilizwe lakokwabo.
- Kuvuka intiyo kubahlali esakubuya eluvalelweni uyatshutshiswa ubizwa ngamagama uyatyholwa ngobumpimpi, uyahlaselwa, axhatshazwe, atshiselwe ikhaya lakhe, athathelwe abazali, ajikelezwe ziintshaba ngokubukulwa kwelakokwabo. Azive elundwendwe olungcuchalazayo lungenandawo yokuhlala, luthi lukwaGaba lube lukwamfundisi, kwaninalume, uphepha izicithi usisisulu nasebantwaneni sokujongwa njengotshaba kuluntu.
- Uziva ilizwe limfulathele kodwa wahlala ethembeni nangona kunjalo. Wema sekungasekho zindlebe zakumamela, ephembelela noFriday kulo ntiyo.
- Ngoncedo lukamfundisi noMzolisi phantsi kwentaba yoKhozi wabhaca waya kwelaBathwa ejoyina umkhosi weNtsimbi.
- Endleleni eyayo zange kube lula, kuloliwe elandelwa ngamapolisa. Waphepha izicithi, ehamba ngamahlathi, nalapho kuzizilo, izilwanyana nezirhubuluzi, ngoncedo lwamayeza omzingeli wasinda.
- Kungelula nokudlula oko wadibana nomkhosi etyholwa ngobumpimpi. Apho wake wangcikivwa kodwa ngobugorha bakhe wazibonakalisa ngokuthi alwe notshaba, asindise ubomi bukaSikhotsholo.
- Ekukhululekeni kuloo mkhosi waphuncula kwiintshaba zehlathi apho wafika kwelaBathwa eyingxwelerha kodwa wachacha kuhle de waphakama njengegorha.
- Akuzange kubelula nalapho kwelaBathwa iMthontsi kuba kulapho wasinda kuhlaselo yimpi yenqwelo ntaka, wasinda ngobukrelekrele, nangona abaninzi babhubhayo kodwa yena waba ngosindileyo.
- Kulapho wafumana neendaba ezibuhlungu zabazali bakhe abangasekhoyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

- Uyingqwangangqwili ebonakalisa impumelelo kwingcinezelo nanjengoko wathi wonyulwa aye kumela ilizwe lakowabo eRhawutini kwizithebe zengxoxo.
- Sele eyinkcubabuchopho yejaji echophele ityala likaFriday lobumpimpi.
- Yabuya inkululeko ngenxa yokuma nokungabuyi ngamva kwetshantliziyo uMfazwe.

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE**

11.1 Wayebekwa isityholo sokuba yimpimpi. ✓ (1)

11.2 Lithetha impimpi esebenzisana norhulumente wabantu abamhlophe. ✓✓ Wayetyholwa ngokuba umgumngcatshi kubantu abamnyama uMfazwe, usebenzisana norhulumente wengcinezelo. ✓✓ (2)

11.3 Wahamba kuba kwacaca ukuba abafuni nokuva lizwi kuye. ✓✓/ Waphuma kakubi ngokubethwa ngabantu ababekwelo holo waphuma ngesango wayakuhlala phezu kwengcwaba. ✓✓ (2)

11.4 Lwaphela uthando lwabo kuba uFriday wavukwa ngumona abaphinda banxibelelelane. ✓✓/ Lwaphela kuba akumbona eholweni lwentlanganiso abaphindanga babonana engahoyi neeleta azibhelelwayo uMfazwe nguNokuzola. ✓✓/ Kwaphetha kungasekho nto ibadibanisayo kuba uMfazwe wayedlalelwa ngumfanekiso awubone eholweni kaNokuzola egonwe nguFriday aphelelwe ngumdla emva koko. ✓✓ (2)

11.5 Sesokuvalelwa kwakhe ejele/ sesokubanjwa kwakhe ngamapolisa, ekubuyeni kwakhe wabekwa isityholo sobungcothoza/mpimpi. ✓✓ (2)

11.6 Sifumana ukungavisisani phakathi kukaMfazwe neqela labantu bokuhlala. ✓✓/ Ukungaboni ngasonye phakathi kukaMfazwe nabahlali. ✓✓ Ungquzulwano de abethwe uMfazwe ngabahlali. ✓✓ (2)

11.7 Kukuza kulungisa isityholo kanye esi sibangela ukuba angafunwa. ✓✓/ Kukuza kulungisa isityholo esingeyonyaniso ngegama lakhe. ✓✓ (2)

11.8 Ubekwa isityholo sokuba ungomnye wabangcatshi bombuso wabamnyama. ✓✓/ Utyholwa ngokuba uyimpimpi yorhulumente wobandlululo. ✓✓/ Ubonwa njengomnye wabo basebenzisana nabantu abamhlophe. ✓✓ (2)

11.9 Ukubulalana kwabantu abamnyama. ✓✓/ Izityholo ezingenabungqina ezidala ukufa phakathi koluntu olumnyama. ✓✓ (2)

11.10 Wayengeyiyo kuba naye wayesilwa ingcinezelo, sisizathu sokuba abesendleleni uyabhaca, ufuna ukungenelela umbutho womzabalazo, iNtsimbi kwelaBathwa. ✓✓ (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

11.11 Walwa utshaba kunye naye, wathi akumbona ukuba wenzakele wamxwaya wambuyisela apho babehlala khona ukuze afumane uncedo businde ubomi bakhe. ✓✓ (2)

11.12 Ubhenele ekubeni azilwele.✓✓ (2)

11.13 Inkolo yobuKristu, ngokusebenzisa igama uJudas kwintetho yabo.✓✓ (2)

**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama - 28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Olu ncwadi lusibonisa uGxuluwe njengoyena mlinganiswa unamandla okunyamezela asebenzise ubukrelekrele bakhe ezama ukuzikhusela nabahlobo bakhe. Izabatha ezivala indlela yakhe nentiyo engenguye unobangela azithethi nto koko nje ubambelela kwintambo yokuphumela ngaphaya. Ehleli ngesiqinisekiso nethemba lokuba uzakukwenza aphumelele. Kwizabatha endleleni, uneenzame zokudlula ngaphaya kwazo aqonde apho ajonge khona.

- Ubomi obungelula kwaphela bokuhlala endle ephila ngokuzingela, uphila le mpilo yobutshaba kuso sonke isidalwa esiphefumlayo sasendle nto leyo ebeka ubomi bakhe emngciphekweni.
- Uphila ubomi bokuhlaselwa zizilwanyana nazizifo kodwa uyaphila.
- Mhla wasinda ekubulaweni ngabathwa wasebenzisa ubukrelekrele bokuba:
- Abaqhathe engumRharhabe wathi ngumNdlambe ngenxa yentiyo phakathi kwaBathwa namaRharhabe.
- Ugodusa uKhweza ngelithi makayothathela indarha ekhaya kanti kuloko emsindisa, wamyalela angabuyi.
- Yena ushiyeka notshaba.
- Ubuqhinga bokubuyiselwa kwezikhali zakhe sele zithathiwe ngaBathwa.
- Ubukrelekrele bokuzilola bengaqondi nangona omnye wabo wacebisa ukuba abulawe uGxuluwe.
- Ukubambisa ukuza kukaNxele ngokuza kwendarha oko belindile.
- Ukusebenzisa ityhodam lobubende kwabo babengekalali nabo bozela.
- Kulapho kanye azidlise khona izikhali zakhe wababulala aBathwa.
- Emva koko bawunyathela umhlaba bagoduka.

  Enkosi Steve Biko:
- Ithandazwe legorha eladlala indima izabalazela umntu omnyama kurhulumente wobandlululo.
- Ziinzame zalo kaBiko ukuba imfundo okanye izikolo zingakhethi bala.
- Ngenxa yobugorha bakhe iyangqina imbongi ukuba ayizange imbone kodwa ngenxa yemisebenzi iwushiyile umzila.
- Ukuzenza kwakhe idini kweli lizwe yeyona nto ingamfanisa noMsindisi kuba ukuphalala kwegazi lakhe kuluphawu uluhlala luhleli, kusisikhumbuzo sokulwela inkululeko.
- Ngoku uMzantsi Afrika ubizwa ikhaya kuba namhlanje abantu bakhuselekile kubandlululo olwalusaya kugquba kweli.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI SWANA NABANYE**

13.1 Kunzima ukufumana ukutya okwaneleyo.✓ Ukuba awenzanga ngokuxolisayo nangokwanelisayo uthunyelwa kwamanye amazwe apho uphoswa kwiingonyama ukuba zikuqwenge.✓ (2)

13.2 Kukunika umfanekiso ngqondweni wesenzeko, ukuzinga kwaso.✓✓ (2)

13.3 Ayikhanye imqwenge isuke yamkhotha yamlalisa ecaleni kwayo.✓Kwityeli lesibini wathi akuthelekiswa nengonyama yamqaphela ukuba nguye yasuka yamkhotha apha ebusweni ayamqwenga.✓Yahamba naye, yahlala naye, yamgcina efudumele.✓ (3)

13.4 Umntu✓ nesilwanyana.✓ (2)

13.5 UQebeyi wanceda ingonyama ihlatywe ngameva nayo ingonyama yamnceda ngokungamqwengi, isuke imgcine efudumele.✓✓ (2)

13.6 Wangumlinganiswa okrelekrele uyasazi isilwanyana xa sifuna uncedo.✓✓/
Wangumlinganiswa onobuntu ngokunceda isilwanyana.✓✓/
Wangumlinganiswa oligorha onexesha lokuzinikezela kutshaba elusendleleni yakhe.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

13.7 Yiba noncedo ukuze nawe uncedeke.✓✓/ Unyawo alunampumlo.✓✓/
Ubugorha nokunganikezeli ebomini.✓✓ (2)

13.8 Akukho kubopheleleka ukulungisa isigama.✓/ Ukungalingani kwezitanza.✓ (1)

13.9 Ngesifingo,✓ ekuseni,✓ ngentatha kusa✓ kunye nasemin'emaqanda✓ nangorhatya.✓ (3)

13.10 Isimntwiso, umqhagi unikwe iipawu zobuntu.✓✓ (2)

13.11 Akuvela ukhetshe uyabaleka nawo umqhagi.✓✓/ Akufika ukhetshe ngequbulisc umqhagi uyayeka ukuzigwagwisa.✓✓ (2)

13.12 Ukubaluleka komqhagi kwaNtu.✓✓ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama -28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Le drama ibonisa uZwilakhe njengoyena mlinganiswa unenkani ungajiki nokuba secetyiswa unguNOZALA ekwa ngumphembeleli wako konke ukwenza kwabanye abalinganiswa. Unyanzela isiko lokubonelwa eneenjongo ezingalunganga nangona ebona ukuba uGugulethu uyaqhankqalazo, bayasunduzana ingulowo utsalela kwelakhe icala. Iziphumo yakukufa nokugwetywa kukaGugulethu intambo.

- Kuxelelwa uGugulethu athathe umfazi.
- Kuhlanganwa ngamaHlubi kuxoxwa lo mba wokuthathelwa uThobeka.
- Ayathunywa amaHlubi ayokucela ubulawu kwaMcothama, bayavumelana abazali.
- UGugulethu ecaleni wenza eyakhe yokuthembisa uNomampondomise ngomtshato.
- UNomaMpondomise ukhupha iinkomo(ikhazi) ebeselikho likaMcunukelwa.
- Ugugulethu utshatiswa ngenkani noThobeka ecaweni nangona engazange avume wabonakalisa uqhankqalazo.
- UZwilakhe ubhala igama likaGugulethu ngokwakhe endaweni kaGugulethu.
- UNomaMpondomise ubona kwiphephandaba ukuba uGugulethu utshatile.
- UNomaMpondomise umangalela uGugulethu ngokungafezekisi isithembiso akugqiba azibulale.
- UMaNyawuza wothuka awe, abhubhe akuva ngentombi yakhe engasekhoyo.
- Ugugulethu ufulathela ikhaya athathe isigqibo sokungaphindi abuye.
- Uyala akulandwa ngoyisekazi.
- UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana, uGugulethu uyababulala.
- Uyabanjwa uGugulethu agwetywe intambo.
- Konke kungenxa kayise,uZwilakhe.

(Nayiphi impendulo eyamkelekileyo.) **[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

## BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

15.1 Yintlungu yokwaliwa kwakhe/ kukaMcunukelwa nguNomampondomise. ✓ (1)

15.2 Uyayiqalekisa le mini. ✓✓/ Uyayizonda le mini. ✓✓/ Yimini angasokuze ayilibale. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

15.3 Akulunganga ukuqhayisa ngento kuba awulazi ingomso ukuba likuphathele ntoni ungazisola/ ✓✓/ Akulunganga ukuzingca okanye ukuzigwagwisa ngonako namhlanje hleze ubuye udane. ✓✓ (2)

15.4 Kukuba uNomaMpondomise zange wamthanda kwasekuqaleni uMcunukelwa. ✓ /Uthenjswe nguGugulethu ngomtshato wathi uzakuqale akhuphe iinkomo zikaMcunukelwa.✓/ Sele enoGugulethu osentliziyweni yakhe. ✓ (2)

15.5 Ndiyangqina kuba naye uNomaMpondomise wafumana esikaMcunukelwa waphoxwa nguGugulethu obezithembise ngaye. ✓✓/ Naye waphoxeka kuba uGugulethu wanyanzelwa ngomtshato noThobeka wavuma. ✓✓ (2)

15.6 Ukuyondelelana/ Ukujiya kwezinto kuba ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula. ✓✓ (2)

15.7 Yeyokuba angahoyeki xa efika nabantwana suke abuzwe ukuba uyaphi na, uzokwenzani. ✓ (1)

15.8 Akahoyekanga kuba abanikwanga. ✓ Umbuzo ombuzayo ukuba uyaphi kodwa sefikile. ✓ Ukushiywa nabantwana endlwini angamxeleli uGugulethu ukuba uya phi. ✓
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

15.9 Athetha ukuba kubakho izinto ezenzekayo zibe mnandi xa zisenzeka kanti ekuhambeni kwethuba zizakukujikela zibe mbi. ✓✓ (2)

15.10 Ndiyangqina ukuba luzobo mayana kuba siyazibonela ukuba umngumlinganiswa onjani. ✓/ Kuba siyaqikelela ukuba ungumlinganiswa onjani ngokujonga indlela athetha ngayo nendlela enza ngayo izinto. ✓ (1)

15.11 Kukuba ubone imeko yokungamkeleki kwakhe kuGugulethu wayiqonda into yokuba ikhona into embi ezakwenzeka nokuba yintoni na. ✓✓ (2)

15.12 Sesokubulawa kukaThobeka nabantwana bakhe. ✓✓ (2)

15.13 Ungumntu olulamileyo/ othobekileyo kuba unesibindi sokuza kuGugulethu ehamba nabantwana esazi ukuba abantwana ayingobakhe. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

15.14 Ndiyasincoma isiphelo sale Drama kuba uye wabanjwa uGugulethu ngesenzo sakhe sokubulala uThobeka nabantwana. ✓✓

**OKANYE**

Ndiyasigxeka isiphelo sale Drama kuba uZwilakhe ongunobangela wokufa kwabantu kule Drama akukho sohlwayo asifumanayo. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)
**[25]**

**UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonakalisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama - 28 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

Le drama ibonisa uMagrazula njengelona xhwele linamandla linguNOZALA ekwa ngumphembeleli wako konke ukwenza kwabanye abalinganiswa, esebenzisa isicaka sakhe uDlezinye. Uneshishini lakhe abonileyo lakungahambi makalitshintshe, bevumelena ngokusebenzisa abantu abangoomama bona bangazukuqapheleka xa besiba ezintsana. Ngenxa yomoya weli shishini kuchongwa oyena ungenakukwazi ukwala ngenxa yentlupheko, naye atsale umhlobokazi wakhe ithungelane ibe neziphumo ezibi zokubanjwa kwaba mama. Ngolu hlobo:

- Umsebenzi kaMagrazula weentloko akungahambi kakuhle ubhenela kwishishini lokuba iintsana.
- Usebenza noDlezinye baze necebo lokusebenzisa abantu abangoomama .
- UDlezinye utshintshwa ubuso bube bobexhego abusebenzise obo buso.
- Undwendwela kwaMamQhinebe kuba ebone intlupheko uzenza ixhego eliza neendaba ezilungileyo nokumthengisa ngalo msebenzi "unobutyebi.
- Akuwa emgibeni uMamQhinebe urhwebesha uMaGatyeni akungavumi amgrogrise de avume.
- UMamQhinebe noMaGatyeni baya kwaNoziphongo bathathe usana bathi lufunwa ekliniki beluba.
- Balusa kwaMagrazula.
- UMakwedini ugxotha uNoziphongo akuva usana lulahlekile.
- UMamQhinebe noMaGatyeni babetha uNomakula ngehamile, emva koko bemka nosana lwakwaLink.
- Ekugqibeleni isiphumo yaba kukubanjwa kwabo ngenxa yokuthatha umsebenzi wokuba iintsana besetyenziswa nguMagrazula nesicaka sakhe uDlezinye.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

**INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI**

17.1 Ngumsebenzi wokuba iintsana. ✓ (1)

17.2 Abonisa ukuthandabuza akazazi nokuba makavume okanye angavumi kulo msebenzi, uvuma kuba enyanzeliswa. ✓✓/ Akavumi ncam ukwenza lo msebenzi koko unyanzeliswa ngumhlobo wakhe. ✓✓/ Ngeba ufuna ukwala koko woyika umhlobokazi wakhe kuba xa esala ufuna izinto zakhe awayemnike zona. ✓✓ (2)

17.3 Makuthezelwe emnxebeni. ✓✓/ Bangabi salibazisa benze njengoko eyalele. ✓✓/ Bangabi satya xesha uqale umsebenzi. ✓✓ (2)

17.4 Udinwe kukuhlupheka. ✓✓/ Udikwe kukuba yintlekisa ekuhlaleni ngentsokolo yakhe. ✓✓/ Wonele yindlala. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

17.5 Ekugqibeleni ebalini ngenene watshabalala kuba babanjwa lipolisa bavalelwa ngenxa yomsebenzi wabo ombi. ✓✓ (2)

17.6 Ukuyondelelana/ Ukujiya kwebali kuba ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula. ✓✓ (2)

17.7 Yeyokuba babelwe usana ekuphela kwalo kwaye ugqirha uyicacisile into yokuba abasayi kuphinde babe nomnye umntwana. (1)

17.8 Kukuba nomsindo xa uSiqhiwu emfundela iphepha. ✓/ Kukugxotha uSiqhiwu esithi makaphume nephetshana elimdakanyana endlwini yakhe ✓ (2)

17.9 Behlelwe yintlungu ekwiqondo eliphezulu yokubelwa usana✓✓ (2)

17.10 Ndiyangqina kuba siyazicingela/ siyaqikelela ngokuva kwethu indlela athetha ngayo nendlela enza ngayo izinto. ✓ (1)

17.11 Akonwabi kuba unesazela sokuba uyazazi ukuba uyabandakanyeka ekubiweni kolu sana kuthethwa ngalo. ✓✓ (2)

17.12 UMamQhinebe nomaGatyeni bayabanjwa nguSajini Ntamo.✓✓ (2)

17.13 UMamQhinebe ungumntu onesazela xa enze into kuba akakunyamezeli ukufundelwa iphepha elithetha ngolu sana alubileyo
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

17.14 Ndiyasincoma isiphelo sale Drama kuba abantu abebe iintsana babanjiwe. ✓✓

**OKANYE**

Ndiyasigxeka isiphelo sale Drama kuba uMagrazula ongunobangela wokuba makubiwe iintsana akabanjwanga koko kubanjwa abantu abasebenzela yena kuphela. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**


Hosted by www.ecexams.co.za.

**ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | - Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>- Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo<br>- Kusetyenziswa isihobe<br>- Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe. | - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>- Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>- Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe. | - Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>- Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>- Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe. | - Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>- Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>- Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | - Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>- Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>- Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | - Isakhiwo siyathungelana.<br>- -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>- Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile<br>- Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana<br>- Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala. | - Bukho ubungqina besakhiwo<br>- Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana<br>- Kwezimvo.<br>- Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>- Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>- Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | - Isakhiwo sife amanqe<br>- Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.



Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI, UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4–5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | - Impendulo igqwesile 14–15<br>- Impendulo ebalaseleyo. 12–13<br>- Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>- Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>- Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>- Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>- Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | - Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>- Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>- Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>- Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | - Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>- Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>- Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>- Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | - Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>- Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>- Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>- Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | - Isakhiwo siyathungelana.<br>- Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>- Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>- Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>- Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe<br>- Ngokuchanekileyo ikakhulu. | - Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>- Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>- Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>- Imihlathi ichanekile ikakhulu. | - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>- Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>- Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>- Imihlathi ineziphene. | - Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>- Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>- Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>- Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Umahluko wamanqaku phakathi kwelesakhiwo nolwimi kunye nelomxholo mawungaqaqelani ude udlule amanqanaba amabini kwisincoko esinye.
Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.



Hosted by www.ecexams.co.za.